



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2018

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi-7.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 VULEKA MHLABA: Ncedile Saule**

- 1.1 1.1.1 EParow. ✓ (1)
- 1.1.2 Inkosikazi kaJolela ifike esikhululweni samapolisa ize kuchaza impatho gadalala eyifumana kuJolela waza naye wabizwa watyityinjiselwa umnwe echazelwa ukuba ukuba nje ukhe waphinda uya kuvalelwa kwesimnyama isisele. ✓✓ (2)
- 1.1.3 Yinyani bazana kakhulu kuba uThandi wayesebenza noDora kwaye babesela kunye utywala bekunye noJolela lo ✓✓/ indlela angene ngokudubuleka selethetha naye ngayo uThandi iveza ukuba udibana nomntu amqhelileyo nangaqaliyo ukumbona. ✓✓ (2)
- 1.1.4 Eyokukruquka ✓/eyokudikwa ✓/eyokungabi namdla. ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 1.1.5 Ingaba uphinde wathandana nomnye umongikazi njengoDora na. ✓✓ (2)
- 1.1.6 Sesokuba ukuba kunokwenzeka asweleke uBantu loo nto ingamkhulula kuba abantu bangahlala besazi ukuba nguBantu owabulala uDora abe engenakuphinda axoxe ngalo eli tyala. ✓✓ (2)
- 1.1.7 Ngokuthi uBantu atsalele uNoziqhamo umnxeba ixesha elide engafumaneki abe efumene ulwazi lokuba uphume noMphemba ngaloo mini. Ngokudana etyhafiswa kukuba uNoziqhamo ebelelona themba lakhe, ngoku uthe phithi nguMphemba, wabona ukuba makazibulale kuba ebubona ubomi bukrakra ngoku. ✓✓ (2)
- 1.1.8 Yeyokuba aphazamise uBantu kwilinge lakhe lokufuna ukuzibulala ukuze ibali liqhubeke. ✓✓ (2)
- 1.1.9 (a) iii ✓/iii UMatshaya ✓/UMatshaya. ✓
- (b) i ✓/ i UBantu ✓/UBantu. ✓
- (c) ii ✓/ii UJolela ✓/UJolela. ✓ (3)
- [17]**

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Lokuthanda iindaba ✓/lokuba lilopholopho. ✓ (1)
- 1.2.2 UBantu noNoziqhamo babengenazinjongo zakuyithenga le ndlu koko babefuna nje icebo lokukhe bangene bayigocagoce. ✓✓ (2)
- 1.2.3 C ✓/C wayecaphuka ✓/wayecaphuka. ✓ (1)
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 1.2.4 Ngokuthi usisondeze kuvuthondaba lwebali apho kuzakufunyanwa imela eyayisetyenziswe ukubulala uDora kunye neovaroli eyayinxitywe nguDlamini ngaloo mini ithe mome ligazi likaDora. ✓✓ (2)
- 1.2.5 Yeyokusetyenziswa ngokungcola nguJolela ngokuthi athi akubona ukuba ubhaqiwe yindoda yobisi uDlamini ukuba umbulele uDora amthenge ukuba avume ukuba nguye obulele uDora. ✓✓ (2)
- 1.2.6 Ndiyavelana kuba akamkelekanga ebantwini ngenxa yesityholo sokubulala uDora engazange ayenze loo nto. Kunzima kuye ukuziphilela ubomi obukhululekileyo ngenxa yegama lakhe elingcolisiweyo ekunzima ukulihlamba. ✓✓

OKANYE

- Andivelani naye kuba wayengasamthandi uDora, akakhathazwa kukufa kwakhe nangoku eyona nto imkhathazayo kukungcoliswa kwegama lakhe. (2)
- 1.2.7 C UBantu undwendwela ingcwaba likaDora. ✓
 B UBantu uphuma ebaleka ecaweni. ✓
 A UBantu uzirhaxisa ngomsi wemoto. ✓
 D UBantu undwendwela uDlamini esibhedlele. ✓ (4)
- 1.2.8 Yinoveli yophando ✓ kuba amapolisa asemkhondweni wokufumana oyena mbulali kaDora. ✓ (2)
- 1.2.9 Sesokuveza ubungqina obutsha enkundleni nto leyo ibangele ukuba uBantu afumane ibheyile ekwamnike ithuba lokuzikhupha engxakini ngokubhaqa ubungqina obuveza oyena mbulali wenkosikazi yakhe onguJolela. ✓✓ (2)

[18]**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 2****IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI – ZAMA A. JAPHTA****ISICATSHULWA C**

- 2.1 2.1.1 ESt. Marks ✓/eQamata. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.1.2 Sesokuthutha kukaMfanelo ayekuhlala kwaNonkuthazo ze babonwe nguMaNdaba bekhaphana kusasa. ✓✓ (2)
- 2.1.3 Bubuxoki uNonkuthazo wayesebenza njengomcoci esibhedlele hayi njengenesi. ✓✓ (2)
- 2.1.4 Eyokumkhulula angaziva enetyala. ✓ (1)
- 2.1.5 Intombazana enokuwenza lo msebenzi wakhe ✓✓/intombazana enokungena endaweni yakhe. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.1.6 Sesokuba wayesazana notata wakhe ongumfundisi wecawa ngoko ke emhloniphile ngenxa yekhaya aphuma kulo. ✓✓ (2)
- 2.1.7 Ngokuthi asoloko emkhuthaza emnika amacebo okuhlala nendoda ukuze imbone njengomntu obufaneleyo ubufazi. ✓✓ (2)
- 2.1.8 Yeyokuphikisana nenjongo yomninawa wakhe uMfanelo yokuzeka uNonkuthazo ukuze aqiniseke uMfanelo ngesigqibo asithathayo noNonkuthazo omelele ekubeni abe neempawu zokumakha uMfanelo. ✓✓ (2)
- 2.1.9 (a) iii ✓/iii UMaNdaba ✓/UMaNdaba. ✓
 (b) i ✓/ i UNomthombo ✓/UNomthombo. ✓
 (c) ii ✓/ ii USaziso ✓/USaziso. ✓ (3)
- [17]**

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 Lokuba nomqolo ✓/lokuyimela into akholelwa kuyo. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.2.2 Kungokuba wohlukaniswa kukuthanda kwakhe utywala nenkosikazi hayi ukungafundi kuba yayisisifundiswa yona. ✓✓ (2)
- 2.2.3 C ✓/C yintshukumo yabalinganiswa ✓/yintshukumo yabalinganiswa. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.2.4 Ngokusivezela isigqibo asithathileyo uMfanelo ukuze umama wakhe atshintshe indlela amjonga ngayo uNonkuthazo emva koku. ✓✓ (2)
- 2.2.5 Yeyokusinika indawo ekuzakudibanela kuyo uMfanelo noNonkuthazo, abalinganiswa abaphambili kulo mdlalo. ✓✓ (2)
- 2.2.6 Ndiyavelana kuba uNkskz. Gontsi umnqwenelela okuhle umntwana wakhe ngoko ke wayefuna ukuqinisekisa ukuba akukho ngxaki azifaka kuyo unyana wakhe ngokufuna ukutshata uNonkuthazo. ✓✓
- OKANYE**
- Andivelani kuba mdala uMfanelo kwaye uyayazi le nto azifaka kuyo. Nakuqala wayekwakho lo Nkskz. Gontsi kodwa wachithakala umtshato wonyana wakhe, ngoku lithuba lokuba amyeke azibonele. ✓✓ (2)
- 2.2.7 C UNomthombo uhambela kwaNonkuthazo. ✓
 B USaziso uhambela kwaNonkuthazo. ✓
 A UMfanelo noNonkuthazo bazithengela umzi eMthatha. ✓
 D UNonkuthazo uhambela kwaNkskz.Gontsi. ✓ (4)
- 2.2.8 Yidrama engemiba yentlalo yoluntu ✓kuba ukuthandana kwabantu abazimo zahlukileyo kuyinto ebonakala qho kwintlalo yoluntu. ✓ (2)
- 2.2.9 Sesokumkhusela emsebenzini ukuze afumane ithuba lesibini ebomini. ✓✓ (2)
- [18]**

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C

IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – P.N.GIDI

UMBUZO 3

- 3.1 3.1.1 Ukhaphukhaphu ✓ kuba icacisa ukubaluleka kwexesha eluntwini ukusukela kwabancinane ukuya kwabadala. ✓ (2)
- 3.1.2 Ithi yakukhala i-alam bavuke ngokukhawuleza abantwana besikolo. ✓✓ (2)
- 3.1.3 Uncincinci ✓ sisifanadumo. ✓ (2)
- 3.1.4 Kukudala isingqi. ✓ (1)
- 3.1.5 Isangquphu. ✓ (1)
- 3.1.6 Imfanozandi. ✓ (1)
- 3.1.7 Kumntu ongafuni kulihoya ixesha, owenza ukuthanda kwakhe. ✓✓ (2)
- 3.1.8 Ngenxa yexesha kuye kutsho kuvele inyani ebingaziwa, ✓ Ngenxa yexesha umntu obesentlungwini uyaphola. ✓ (2)
- 3.1.9 Yimvano-siqalo. ✓ (2)
- 3.1.10 Isitanza ngasinye kwezi zintlanu izitanza sinemiqolo emine ✓✓ (2)
- [17]**
- 3.2 3.2.1 Ngumbongo-nkuthazo ✓ kuba imbongi ikhuthaza abantu ukuba bazimisele balwele ukuphumelela kweli dabi libubomi. ✓ (2)
- 3.2.2 Sesokupha amandla ✓/sesokuntyontyela ✓/sesokukhuthaza. ✓ kuba nabani uziva egcwala ukuzithemba xa esiva la mazwi atsho afunzele phambili engenalo uvalo. ✓ (2)
- 3.2.3 Imbongi ikhuthaza umntu osemi ngeenyawo kwisitanza sesi-2 ithi makafunze aye phambili angabuyi ngamva ✓ kanti kwisitanza sesi-3 imbongi ithetha nomntu owileyo ithi noxa kunjalo makaqinise anganikezeli ahlale etembeni ukuze aphinde aphakame. ✓ (2)
- 3.2.4 Sifaneleke kakhulu kuba intlanzi etshelwe ngamanzi ayisenaso isizathu sokuphila kuba kuyo buphelile ubomi, nomntu olahle izixhobo zokulwa ebomini ukwanjalo kuba naye uyatyhafa angabinasizathu simjongisa phambili ebomini. ✓✓ (2)
- 3.2.5 Bayajika babaleke, ✓ Bafunyanwa ziintshaba, ✓ Ziyabonzakalisa iintshaba babenobomi obufutshane ✓ (3)

- 3.2.6 B ✓/ B abangakhange babenagalelo kwabanye abantu ✓/
abangakhange babenagalelo kwabanye abantu ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 3.2.7 Ngumntu okhaliphileyo nonesibindi. ✓✓ (2)
- 3.2.8 Kukulwa nemingeni uyoyise okunokubangela ukuba ilizwe libheke
phambili. I-Afrika igqithe kwiingxaki ezininzi eziyincede ukuba ibeleli
lizwe lihle kangakanana. ✓✓ (2)
- 3.2.9 Ngowokuba umntu makazimisele kwinto ayenzayo ebomini
angazisizeli kuba kubalulekile ukulwa usiya phambili
unganikezeli. ✓✓ (2)
- [18]**

AMANQAKU ECANDELO D: 35
EWONKE AMANQAKU EPHEPHA: 70